# Yaqengqelekana Yonke minyaka Umi ndaweninye? (1926.)

## Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto)

Vusa inimba yakumakowenu
Yakulo Ngubenc'uka kwesakowenu
Utete ngelidala ngelika Hintsa
Amagama Enkosi ayandipazamisa

Yaqengqelekana yonke iminyaka
Woma ndaweninye nakuwo lonyaka
Washiywa lusapo washiywa yimfuyo
Yeya madlagusha namhlanje imfuyo.

Watsho no Maqoma kwatiw' uyageza
Kube ngazingeni into zobugeza
Mhla nani tengisa emin' emaqanda
Ngobukosi benu nahamba nisenda

Yaqengqelekana yonke iminyaka,
Woma ndaweninye nakuwo lonyaka
Bapi ubukosi akuko ntwisento
Akuko ntwisele tu nto kwakuyinto.

Latsh' izwi kwanini Afrika uyafa
Bapika bapiki besiti unga fa
Namhla nitinina ilizwe lifile
Nandzo nezibeto Afrika uwile.

Zemka zahlepuka kwanento zo Ngqika
Ngenxa ye Bhaibhile zenu magqob'oka
Ndabon' ukuwa kwemibomb'o ye Nkosi
Ndeva zincwina za zipanda ekosi

Yaqengqelekana yonke le minyaka
Woma ndaweninye nakuwo lonyaka
Ngaw'fune nembangi eyakubangela
Ukuba nje kwako nokufa yindlala

Ngaw'fune osiyazi bahlabe zintloko
Ze nyange le mihla eliyona ntloko
Ungoyiki konke ngenxa yenyaniso
Kuba le ye mali yesa nenkohliso

Yaqengqelekana yonke le minyaka
Woma ndaweninye nakuwo lonyaka
Latob' imb'alela kwatsha nemilambo
Asi atinina amabandl' ase Mbo'

Latsh' izwi kwanini Afrika uyafa
Bapika bapiki besiti unga—fa
Kwatshe zinkomeni kwanasebantwini
Nezwi lika Tixo likwaselushlwini.

Taru Afrika Mnga we Afrika
Owati ukuwa wabukuqeka
Namhla ngawubuye nok' ungakolwayo
Woyisiwe konke zint' ezikanyayo.

Watsho no Maqoma kwatiw' uyageza
Kub' engazingeni into zobugeza
Buya nonyaka Bulembu be Afrika
Lapum' ilanga landicingis' u Tshaka.

Camagu! Awu!